
# UHLOLO LWEFUTHE KWINDALO ESINGQONGILEYO NAKWEZENTLALO (ESIA) UKWENZELA ILUNGELO LOKUVELISA ELICETYWAYO NGAPHANDLE KONXWEME, IMISEBENZI EYONGEZELELEKILEYO NESICELO SESIGUNYAZISO UKWENZELA I-BLOCK11B/12B – REF NO: 12/4/13 PR

## Ingxelo eYilwayo yoHlolo loMmandla yesiShwankathelo esingesosabuChwephesha



## 1 INGXELO EYILWAYO YOHLOLO LOMMANDLA ISISHWANKATHELO ESINGENABUCHWEPHESHA

Olu xwebhu lushwankathelo olungenabuchwephesha lweNgxelo eYilwayo yoHlolo loMmandla ukwenzela ukuHlolwa kweFuthe kwiNdalo esiNgqongileyo nezeNtlalo (ESIA) ukwenzela i-TotalEnergies EP South Africa B.V. (TEEPSA) isicelo esicetywayo seLungelo lokuVelisa irhasi nokukondensa okunxulumeneyo kwi-Block 11B/12B ukusuka kwi-Cape South Coast **(Umfanekiso 1-1)**.




*__Umfanekiso 1-1__ – Imephu yasekuHlaleni ebonise indawo ekufakwa isicelo kuyo (ebombu) kunye nendawo eye yayekwa (enombala omthubi) ngokuphathelele i-PetroSA F-A Platform ekhoyo ethi ithumele izinto kweli qonga.*

### Olu xwebhu luquka:

- Imvelaphi yeprojekthi ecetywayo,
- Ingcaciso yoko kucetywa kwi-TEEPSA ukwenza nokukhuthaza le projekthi,
- Inkqubo yesigunyaziso sendalo esingqongileyo kunye nezinto ezifunwa yimimiselo,
- Inkqubo yenxaxheba kawonke wonke kunye nendlela onokubhalisa ngayo kuvimba wathathi nxaxheba nengeQela elinoMdla neliChaphazelekayo (I&AP) uze ufake amacebiso akho okanye izinto ezikuxhalabisayo,
- Isishwankathelo sefuthe elilindelekileyo elinokuthi lenzeke ukuba le projekthi iyaqhubeka, kwaye
- Amanyathelo alandelayo kwinkqubo yesigunyazisa sendalo esingqongileyo.

Esi sishwankathelo kunye nesishwankathelo samazwi siyafumaneka ngesiNgesi, i-Afrikaans, nesiXhosa.
Esi sishwankathelo, kunye nesishwankathelo samazwi kunye neNgxelo eYilwayo yoHlolo loMmandla nazo ziyafumaneka ku:

- Iwebhusayithi engafuni datha ku: https://wsp-engage.com/Total-11B12B; kunye ne
- Webhusayithi ye-WSP ku: https://www.wsp.com/en-za/services/public-documents

INgxelo eYilwayo yoHlolo loMmandla kunye nesishwankathelo ziyafumaneka ukuze zihlolwe nguwonke wonke nokufaka amagqabaza ukususela nge-01 Disemba 2022 ukuya kwi-03 Februwari 2023. Iikopi zeNgxelo eYilwayo yoHlolo loMmandla olupheleleyo ziyafumaneka kwezi ndawo zilandelayo zikawonke wonka:

# I-TotalEnergies EP South Africa B.V.

## IINDAWO ZIKAWONKE WONKE

**INTSHONA KOLONI**

| Indawo | Igama leendawo zikawonke wonke | Iadresi yendawo ekuyo |
|---|---|---|
| Cape Town | City of Cape Town Central Public Library | 1 Parade Street, Cape Town City Centre |
| Mitchells Plain | Mitchells Plain Library | 1st Avenue, Mitchells Plain |
| Somerset West | Somerset West Library | 10 Victoria Street, Audas Estate |
| Gordon's Bay | Gordon's Bay Public Library | 6 Walt Street, Gordon's Bay Central |
| Gansbaai | Gansbaai Library | Corner Main & Kapokblom Street |
| Hermanus | Hermanus Public Library | 66 Duiker Street |
| Struisbaai/ L'Augulhas | Struisbaai Public Library | Corner 1st Avenue & Deining Avenue |
| Bredasdorp | Cape Agulhas Municipal Office | 1 Church Street |
| Stilbaai | Stilbaai Municipality | Main Road West |
| Mossel Bay | Kwanongaba Library | Adriaan Street, Asla Park, Kwanongaba |
| Mossel Bay | Mossel Bay Tourism | 7 Market Street |
| Mossel Bay | Mossel Bay Municipality | 99 Marsh Street, Mossel Bay Central |
| Mossel Bay | Harbour | 7 Market Str2eet |
| George | Fishing permit office | 95 York Street (At the Post Office) |
| Knysna | Knysna Tourism Offices | 40 Main Road, Knysna Central |
| Plettenberg Bay | Keurbooms River Marina/Cape Nature Offices | Corner of Beacon Way & Zenon Street |

**IMPUMAKOLONI**

| Indawo | Igama leendawo zikawonke wonke | Iadresi yendawo ekuyo |
|---|---|---|
| Cape St. Francis | Coastal Collective | 2 Suffolk Lane |
| St. Francis Bay | St, Francis Tourism & Municipal Offices | Municipal Offices, Assisi Drive |
| Jeffreys Bay | Jeffreys Bay Tourism | 17 Da Gama Road |
| Gqeberha | Newtown Park Library | Hurd Street, Newtown Park |
| Boknes | Boknes Petrol, Station & Supermarket | Daniel Scheepers Street |
| Port Alfred | Royal Alfred Marina | 1 Albany Road |
| Sundays River | Sundays River Angling Club | 29 Aquavista Cres, Colchester |
| East London | Eastern Cape Parks & Tourism Offices | 17-25 Oxford Street, East London |
| East London | Harbour - Transnet National Ports Authority | Port Control Building, Ganteaume Crescent, Quigney |

**Isicanga 1-1** Uludwe lweendawo zikawonke wonke apho ifumaneka khona iNgxelo eYilwayo yoHlolo loMmandla



Birds eye view of Mosselbay

## Ubhalisa njani njengomthathi nxaxheba uze ufake amagqabaza akho?

Ukuba unqwenela ukufumana inkcazelo ephathelele le projekthi icetywayo kunye nohlolo lwefuthe kwindalo esingqongielyo okanye unqwenela ukucebisa okanye ukufaka izinto ezikuxhalabisayo okanye amagqabaza akho, nceda ubhalise kuvimba wenkcazelo wabathathi nxaxheba njengeqela elinomdla nelichaphazelekayo (I&AP) ukwenzela ukuba sikwazi ukuqhubeka sikunika ulwazi. Unako ukubhalisa njenge-I&AP ngokuqhagamshelana ne-Public Participation Office ngale ndlela ilandelayo:

- I-WSP Public Participation Office
  - Email: teepsaEIA@WSP.com
  - Umnxeba: (011) 254 4800, okanye
  - I-WhatsApp: (076) 694 3842
  - Ukuzalisa ifomu yokubhalisa ehambisana nale ngxelo ishwankathelweyo okanye efumaneka kwiindawo zikawonkewonke apho ingxelo eyilwayo yohlolo lommandla ifumaneka kuwonke wonke, kunye nokubuyisa loo fomu kule email ingasentla; okanye
  - Okanye skena i-QR code:

*Unokuthi ugqabaze ngokuthi:*

- Uzalise amaphepha amagqabaza ahambisana nala maxwebhu kawonke wonke;
- Ukuthumela nge-email kwiiadresi ze-email zeprojekthi ngokuthe ngqo (ezingasentla);
- Ukufowunela inombolo yomnxeba waphantsi enikelwe apha ngasentla;
- Imiyalezo ngenombolo ye-WhatsApp enikelwe apha ngasentla; okanye
- Ukuya kwiintlanganiso ngokobuqu.

# I-TotalEnergies EP South Africa B.V.

## Amanyathelo alandelayo enkqubo yesigunyaziso

Amagqabaza afunyenwe ebudeni bexesha lokunikela amagqabaza kwiNgxelo eYilwayo yoHlolo loMmandla aza kubhalwa kwirejista yamagqabaza neempendulo ethey yafakwa kummisi mithetho kunye ne-Final Scoping Report (FSR). I-I&APs nazo ziza kunikwa ithuba lokuba zigqabaze ngoHlolo lweFuthe kwiNdalo esiNgqongileyo nakwezeNtlalo (ESIA) kunye nePlani yoLawulo lwezeNdalo esiNgqongileyo nezeNtlalo (ESMP) yakuba nje igqityiwe ebudeni benqanaba lokuHlola iFuthe.


## UMthetho wokuKhuselwa kweNkcazelo yomNtu Siqu 4 ka 2013

Sidinga imvume yakho ukugcina inkcazelo yakho yobuqu ukwenzela iinjongo yale projekthi. Ngokubhalisa njenge-I&AP, usinika imvume yakho ngokuvisisana noMthetho wokuKhuselwa kweNkcazelo yoMntu Siqu ukwenzela iinkcukacha zakho zonnxibelelwa zigcinwe ngokukhuselekileyo ukuze sikwazi ukukugcina unolwazi ngale projekthi. I-WSP Group Africa njengomhlali olungileyo ithobela i-POPIA kwaye iyaqinisekisaukuba iinkcukacha zakho ziza kugcinwa ziyimfihlo kwaye aziyi kunikwa nabani na umntu wesithutha ngaphandle kwemvume yakho yangaphambili, ngaphandle kokuba igunya elilawulayo licela iinkcukacha ze-I&AP.

## 2 IMVELAPHI YEPROJEKTHI ECETYWAYO

Ubambiswano kwezoshishino lwe-TotalEnergies EP South Africa B.V. (TEEPSA), i-QatarEnergy, i-Canadian Natural Resources International (South Africa) Limited, ne-South African consortium, MainStreet 1549 ziye zabamba iLungelo loHlolo (Imbekiselo yeLungelo lokuHlola: 12/3/067) kwi-11B/12B, emi ngaselunxwemeni le-Southern Cape Coast, eMzantsi Afrika. Ukuza kuthi ga ngoku, inkqubo yohlolo kwi-Block 11B/12B ibijoliswe kwinxalenye ukumzantsi ntshona webloko kwaye oko kuphumela ekufunyanweni kwerhasi kunye nokukondensa okunxulumeneyo kwi-Paddavissie fairway, kuquka ukufunyaniswa kwe-Brulpadda and Luiperd **(Umfanekiso 2-1)**. Ezi ndawo zidityanisiweyo kubhekiselwa kuzo njengendawo yophuhliso lweprojekthi.

I-TEEPSA ikunye namahlakani ayo e-Joint Venture (JV) ngoku afuna ukuguqula iLungelo lokuHlola libe liLungelo lokuVelisa (PR). Isicelo seLungelo lokuVelisa siye safakwa ngokuvisisana neCandelo 83 ukuya ku-86 loMthetho woPhuhliso lobuNcwane neziMbiwa kusetyenziswa i-Petroleum Agency South Africa (PASA) nge-05 Septemba 2022 kwaye siye samkelwa yi-PASA nge-19 Septemba 2022.




***Umfanekiso2-1*** *– Imephu yeSiza ebonisa ukufunyaniwa kwe-Brulpadda 1AX ne-Luiperd 1X, nokhetho loopayipi bemveliso kwezo zikhoyo ngoku kwi-PetroSA FA Platform*

I-TEEPSA iceba ukuphuhlisa i-Paddavissie fairway ukuba iye yayinikwa i-PR kwaye ukuba izivumelwano zokuthengiswa kwerhasi kwiimarike zalapha ekhaya zinokuthi ziphumelele. Indawo ekucelwa iLungelo lokuVelisa kuyo imi ngaphandle konxweme kwaye inabe phakathi kweMossel Bay neCape St. Francis **(Umfanekiso 2-1)**. Eyona nkalo ekufutshane kumntla-mpuma wendawo yokufaka isicelo seLungelo lokuVelisa imalunga nama-75 km ukusuka kunxweme lwaseCape St Francis, apho inkalo eyeyona ikufutshane imalunga ne-120 km ukusuka kunxweme lwaseMossel Bay. Le ndawo ekufakwe isicelo sayo ithatha umgama omalunga ne-12 000 yeeskwe khilomitha (km2) enobunzulu bamanzi obususela kwi-500 ukuya kwi-2 300 yeemitha.

Indawo yeLungelo lokuVelisa ekufakwa isicelo ngayo incinane kunendawo yeLungelo loHlolo ebinalo inkampani ngaphambili. Indawo yeLungelo lokuVelisa ayiwuquki ummandla okufutshane nonxweme, othi wona uphumele ngaphaya kwiindwo ezinochuku kakhulu kwizidalwa ezilapho **(Umfanekiso 2-2)**.

Indawo ekufakwa isicelo kuyo imi ngasempuma ekumzantsi mpuma weendawo zokuvelisa ze- PetroSA South Coast. Ubunzulu bamanzi banda kakhulu gqitha ukusuka kumntal ukuya kumazantsi kuyo yonke ibhloko. Kunye nezi ndawo kothulwa kuzo, kwakunye neentaba zolwandle ezizimeleyo, ziintaba ezibalulekileyo phakthi kummandla wale bhloko. Iindawo ezinxulumene neendawo zokulahla/zokophula ishelufu, zibonelela izidalwo eziphila elwandle kaye ziziindawozokuloba ezifanelekileyo ezisetyenziswa ngabalobi bezoshishino. Umsinga we-Agulhas ohamba uhle unxweme usuka kumntla mpuma uphantse ube ulandela indawo yokothula yaphantsi kolwandle kusetyenziswa indawo yophuhliso lwale projekthi **(Umfanekiso 2-1).**

## 4 IZINTO EZIFUNWA YIMIMISELO

Ngaphambi kokuba i-TEEPSA iqalise ngemisebenzi enokuthanani neprojekthi ecetywayo, ezi nkqubo zilandelayo zingundoqo ziza kwenziwa:

- IsiCelo seLungelo lokuVelisa ngokuvisisana namaCandelo 83 ukuya ku-86 oMthetho woPhuhliso lobuNcwane beziMbiwa namaFutha (uMthetho 28 ka-2002) (MPRDA); kunye ne
- nesiCelo sesiGunyaziso seNdalo esiNgqongileyo ngokuvisisana noMthetho woLawulo kaZwelonke weNdalo esiNgqongileyo (Umthetho 107 ka-1998) (NEMA): Ukwenzela nayiphina imisebenzi edwelisiweyo enokuthanani nayo nayiphina iprojekthi kwi-NEMA Environmental Impact Assessment (EIA) yemiMiselo ka-2014, ngokohlengahlengiso ngo-2017.

Isicelo seLungelo lokuVelisa simele sifakwe kuMphathiswa woBuncwane beziMbiw naMandla. Isicwangciso somsebenzi wokuvelisa (esichaza imisebebenzi ecetywayo kunye neplani yeenkcukacha zophuhliso) kunye neplani yezentlalo nezabasebenzi (ecacisa ukuzibophelela komphuhlisi ekuphuculeni ubuchule babasebenzi, utyalo-malikubahlali kunye nokuthenga izinto phakthi kwezinye izinto) oko kumele kukhaphe isicelo seLungelo lokuVelisa. ILungelo lokuVelisa liqwalaselwa kuphela kwisigqibo esixhomekeke ekugqityweni kwe-ESIA kunye nenkqubo yokuthatha inxaxhba kukawonke wonke ukwenzela iprojekthi ecetywayo

Imisebenzi edwelisiweyo enxulumene neprojekthi ecetwayo inikelwe esikwiphepha elilandelayo. Ngokusekelwe kule mithetho idwelisiweyo, i-TEEPSA kufunwa ukuba yenze umsebenzi obumbeneyo wenkqubo yoHlolo lweFuthe kuHlolo loMmandla neNdalo esiNgqongileyo, ekukwabhekiselwa kuyo njenge “gcweleyo” i-EIA ngokuvisisana ne-NEMA. I-ESIA egcweleyo luphando olucokisekileyo oluphonononga ezi nkalo zilandelayo zeprojekthi ecetywayo:

- izinto ezinokuba ngumngcipheko nefuthe kummandla weprojekthi;
- icacisa ezinye iindlela eziqwalaselwayo kwiprojekthi ecetywayo okanye obunye ubuchule obucetywayo obumele busetyenziswe;
- ichonge iindlela zokuphucula indlela yokuphucula ukukhethwa kweprojekti, isiza, ukuceba, ukuyila, kunye nokusebenzisa izinto ngokuphepha, ukunciphisa, ukulawula , okanye ukubyekeza ifuthe elibi kwindalo esingqongileyo;
- Iqwalasele indlela yokunabisa ifuthe elihle leprojekthi ngokuthi kusetyenzsiwe le projekthi icetyiweyo; kuze
- Kuqwalaselwe indalo esingqongileyo yemveli (umoya, amanzi, umhlaba kunye nezidalwa eziphilayo eziziintlobo ngeentlobo), impilo nokhuseleko lwabahlali, kunye neenkalo zezentlalo eziqquka abantu bomthonyama kunye namafa ezenkcubeko.

I-ESIA inezigaba ezithathu; okokuqala, inqanaba lokuhlola impembelelo yendalo esingqongileyo (kulapho sikhoyo ngoku), kulandele isigaba sesibini esisisigaba sovavanyo lweempembelelo, ekupheleni kwaso ingxelo yovavanyo lwempembelelo yokusingqongileyo ingeniswe kwabasemagunyeni

Isigaba sesithathu sisigaba segunya esithatha isiqgibo, apho umlawuli afanele ukuthatha isiqgibo malunga nojuba agunyaise kusini na ukuba iprojekthi iqhubele phambili, yaye ukuba kunjalo, phantsi kweziphi na imeko. Abantu abaziii A&P Bya kwaziswa nesiphumo nokuba singafakwa njani na isibheno, ukuba banqwenela ukwenza njalo.

Isicwangciso sokuthatha inxaxheba koluntu siphuhlisiwe njengenxalenye yenkqubo ye-ESIA yale projekthi. Isicwangciso sokuthatha inxaxheba kukawonke-wonke sichaza indlela i-Environmental Assessment Practitioner (EAP) kunye neqela leprojekthi eliya kuthi lizibandakanye namaqela anomdla nachaphazelekayo (I&APs), aquka uluntu, abasemagunyeni, abameli boluntu kunye noshishino, iZizwe zokuQala, abalobi kunye neminye imibutho ngexesha Inkqubo ye-ESIA.

Kuya kubakho amathuba amaninzi okuba ii-I&APs zithathe inxaxheba kwinkqubo ye-ESIA, mhlawumbi ngokungenisa izimvo kwi- WSP's Public Participation Office, okanye ngokuthetha ngokuzimasa iintlanganiso ngokobuqu.

> NgokweMimiselo ye-EIA (GNR.326) “eZimeleyo”, ngokunxulumene ne-EAP, ingcaphephe okanye umntu onoxanduva lokulungiselela ingxelo yophicotho-zincwadi lwemo engqongileyo, ithetha ukuba -
>
> (a) ukuba i-EAP enjalo, ingcali okanye umntu akanalo ishishini, imali, umntu okanye enye inzala kumsebenzi okanye isicelo ngokunxulumene ne-EAP, ingcali okanye umntu oqeshwe ngokwemiqathango yale Migaqo; okanye
>
> (b) ukuba kungabikho iimeko ezinokubeka esichengeni injongo ye-EAP, ingcali okanye umntu ekwenzeni umsebenzi onjalo;
>
> (i) umvuzo oqhelekileyo wengcali eqeshwe ngokusisigxina yi-EAP; okanye
>
> (ii) umvuzo ofanelekileyo ngomsebenzi owenziweyo ngokunxulumene nalo msebenzi, isicelo okanye uphicotho-zincwadi lokusingqongileyo;

| Uludwe lodweliso 1 (GN R.327) | Isaziso sodweliso 2 (GN R.984) Ukufuna uHlolo loMmandla noHlolo lweFutha kwiNdalo esiNgqongileyo |
|---|---|
| <u>**Isaziso soDweliso 1 (GN R.325) imisebenzi:**</u><br><br>**Umsebenzi 17:** Uphuhliso (i) elwandle... malunga (e) neziseko ezingundoqo okanye izakhiwo ezinomda wophuhliso wama-50 m2 okanye ngaphezulu.<br><br>**Umsebenzi 19A:** Ukuzaliswa okanye ukufakwa kwayo nayiphi na imathiriyeli engaphezulu kwe-5 cubic metres, okanye ukugrunjwa, ukomba, ukususwa okanye ukushenxiswa komhlaba, isanti, amaqokobhe, intlantyambo yeqokobhe, amatye okanye amatye angaphezulu kwe-5 cubic metres ukusuka: (iii) elwandle. | <u>**UDweliso oluSebenzayo isaZiso 2 (GN R.325) imisebenzi:**</u><br>**Umsebenzi 4:** Uphuhliso kunye nokusebenza okuhambelanayo kwezibonelelo okanye iziseko zophuhliso, ukugcinwa, okanye ukugcinwa kunye nokuphathwa kwezinto ezinobungozi, apho ukugcinwa okunjalo kwenzeka kwizikhongozelo ezinomthamo odibeneyo ongaphezu kwe-500 m3<br><br>**Umsebenzi 6**: Uphuhliso lwezibonelelo okanye iziseko ezingundoqo zayo nayiphi na inkqubo okanye umsebenzi ofuna imvume okanye ilayisenisi okanye imvume elungisiweyo okanye ilayisenisi ngokomthetho wesizwe okanye wephondo olawula ukuveliswa okanye ukukhutshwa kwezinto ezikhutshwayo, ungcoliseko okanye amanzi amdaka.<br><br>**Umsebenzi 7**: kwakhiwa kwezibonelelo okanye izibonelelo zothutho oluninzi lwempahla eyingozi:<br><br>(i) iluhlobo lwerhasi, ngaphandle kwesakhiwo sezoshishino, kusetyenziswa oopayipi, abangphezu kwe -1 000 m ubude, ngesakhono sokudlula see-700 yeetoni ngosuku.<br><br>(ii) ikuhlobo olungamanzi, ngaphandle kwesakhiwo sezoshishino, kuseyenziswa oopayipiu, abangaphezu kwe-1 000 m ubude, ngesakhono sokudlula esingaphezu kwe-50 m3 ngosuku<br><br>**Umsebenzi 14**: Ukuphuhlisa kunye nomsebenzi ohambisanayo<br><br>(ii) weqonda elixhaisweyo; okanye<br><br>(iii) nasiphina isikhiwo okanye isiseko esikuwo okanye esihamba ecaleni komphantsi wolwandle, ...<br><br>**Umsebenzi 20**: Nawuphina umsebenzi oquka umsebenzi ofuna kuveliswe imiqathango efanelekileyo yeCandelo 83 loMthetho woPhuhliso lobuNcwane beziMbiwa namaFutha, 2002 (Umthetho 28 ka-2002), kwakunye neminye imisebenzi equkiweyo njengoko kubonisiwe kwiSaziso sokuDwelisa, kwiSaziso 1 sika-2014 okanye iSaziso 3 soDweliso sika-2014, esifunekayo ukuze kusetyenziswe ilungulo lokuvelisa. |

**Isicangca 4-1**

## 5 IZINTO EZITHETHELELA IPROJEKTHI

Uninzi lwezicwangciso eziliqela phantsi komxholo wenguqu yamandla eMzantsi Afrika luyazamkela iindawo zokuveliswa kwerhasi yendalo ezidityaniswe zaba ngumxube wobuchwepheshe obuya kukhusela amandla okuvelisa amandla ukuya phambili. Irhasi yendalo kumxube wamandla iya kusebenza njengebhulorho kwindlela esuka ekuthembeleni kumafutha efosili ukuya ekungathathi hlangothi kwekhabhoni ukusuka ngo-2050 (ngokweSivumelwano saseParis) kunye nokuncedisana nemithombo yamandla ahlaziyekayo, ngokweSicwangciso esiDityanisiweyo seMithombo sowama-2019, esiphantsi. uphuhliso.

Ukufunyaniswa kwe-TEEPSA kwerhasi yendalo enokuthengiseka elunxwemeni, inamandla okuba negalelo ekuhlangabezeni iimfuno zamandla elizwe ngeli xesha lotshintsho, kwaye ibe negalelo elincomekayo kuqoqosho.

UMzantsi Afrika uxhomekeke kakhulu kumafutha efosili kwaye, njengomnye wamazwe angama-20 akhupha irhasi yobushushu, kuya kufuneka wehlise ukukhutshwa kwezinto ezininzi. Nangona kunjalo, utshintsho olukhawulezayo lokungathathi hlangothi kwekhabhoni lubonisa ingozi enokubakho ekukhuleni koqoqosho kunye nophuhliso oluzinzileyo ukuba alulawulwa ngokufanelekileyo. Ukusetyenziswa kwerhasi njengomthombo wamandla okanye amafutha kunegalelo ekunciphiseni ukukhutshwa kwezinto ezikhutshwayo ngelixa ilizwe lisuka ekuthembekeni kwamalahle ngelixa likwanegalelo elincomekayo kuqoqosho. Le projekthi icetywayo iza kuvumela ithuba lokwahluka kwemithombo yamandla yaseMzantsi Afrika kunye nokunciphisa ukuba sesichengeni kunye nokuxhomekeka Nangona singenakubetha ngenqindi phantsi inzuzo enkulu ekuziseni imveliso yoovimba berhasi ekuhlaleni yile yokuba isiseko esikhoyo sePetroSA (kunxweme nakude nonxweme) kufutshane neMossel Bay sijongene nokuvalwa kungekudala ngenxa yokuncipha koovimba bobonelelo kummandla okhoyo. Iprojekthi yangoku inamandla okubonelela nge- F-A Platform, inegalelo lesondlo esithatha indawo evela koovimba abatsha abachongiweyo. Oku kunamandla okwandisa ubomi be- F-A Platform kunye neziseko ezingundoqo ezinxulumeneyo ukuya kuthi ga kwiminyaka engama-20 ngokusekelwe kuqikelelo lwangoku lwezibonelelo. Ngokufanayo, ukuthintela ilahleko yengqesho enxulumene nezi zibonelelo.

Ngaphaya koko, iprojekthi yeTEEPSA kufuneka ifake isandla kuphuhliso lwengingqi ngokudibanisa amalinge asekwe kuluntu kunye neziCwangciso eziHlangeneyo zoPhuhliso zikaMasipala, iSikhokelo soPhuhliso lweSithuba kunye neZikhokelo zoLawulo lokusiNgqongileyo. Oku kuya kuququzelelwa ngamaqumrhu oomasipala kunye nenkqubo yokuthatha inxaxheba koluntu.

## 6 INXAXHEBA KAWONKE WONKE

IMimiselo ye-NEMA EIA (GN R.326 ehlonyelweyo) ifuna ukuchongwa kunye nothethwano noluntu kunye namaqela anomdla nachaphazelekayo (I&APs). NgokweCandelo lama-24 0 (2) le-NEMA, amasebe karhulumente awodwa achongiwe kwaye amkelwa njengamagunya anika izimvo kwimiba yeprojekthi ecetywayo. Imisebenzi engundoqo eyinxalenye yenkqubo yokuthatha inxaxheba koluntu ibandakanya:

- ukuchonga nokumema abachaphazelekayo ukuba babhalisele ukuthatha inxaxheba kule nkqubo. Apha, iindlela ezahlukeneyo ezibandakanya upapasho lwentengiso, kwizaziso zesayithi, ukusetyenziswa koonomathotholo ngolwimi lwasekhaya, kunye nokuchongwa kwe-I&AP's abathathe inxaxheba kwizifundo ezahlukeneyo ezinxulunyaniswe neprojekthi ukuza kuthi ga ngoku;
- ukuxhobisa nokwazisa ii-I&APs malunga neprojekthi ngokukhutshwa kwengcaciso ekwimo yengxelo eyilwayo yohlolo lommandla kunye nengxelo yesishwankathelo engenabuchwephesha (le ngxelo) eya kufumaneka ngesiNgesi, iAfrikaans nesiXhosa;
- ukudibana nee-I&AP's ezivela kumacandelo ngamaqela oluntu kumaqela amancinane ekugxilwe kuwo ukuze kuxoxwe ngeengcebiso zabo nezinto ezibaxhalabisayo malunga neprojekthi. Kwakhona siza kubamba iintlanganiso zoluntu kwiidolophu ezinkulu kuwo wonke ummandla weprojekthi;
- ukufakwa kwazo zonke iingcebiso, amagqabantshintshi kunye nemiba exhalabisayo ephakanyiswe ngamaqela anomdla kunye nengxelo yeempendulo engeniswe kumlawuli kwinqanaba lovavanyo nasekupheleni kwesigaba sovavanyo lwempembelelo, kunye nerekhodi elipheleleyo lamangeno abhaliweyo. yamkelwe; kunye
- nokwenza ukuba kufumaneke idrafti yovavanyo lwempembelelo yokusingqongileyo nentlalontle kunye nesicwangciso solawulo lwendalo esingqongileyo kunye nentlalontle kwinqanaba lovavanyo lwempembelelo yenkqubo. Kuya kuqhutywa omnye umjikelo weentlanganiso zikawonke-wonke eziphathelele iziphumo zophando lweengcali kunye novavanyo lwefuthe elichaphazela ii-I&AP's. Ngexesha lale nkqubo, izimvo ezifunyenweyo ziya kuthi, kwakhona, zirekhodwe ngohlobo lwezimvo kwingxelo yempendulo eya kuthiwa thacha kunye nerekhodi epheleleyo yazo zonke izingeniso ezibhaliweyo ezifunyenweyo xa ingxelo yokugqibela yovavanyo lwempembelelo yokusingqongileyo ingeniswa kwabasemagunyeni ukuze benze isigqibo

Le projekthi iza kwaziswa eluntwini ngoDisemba 2022, ngokubeka izibhengezo zentengiso kumaphephandaba nakunomathotholo, zisenziwa zibe zizaziso eziphathelele esi siza, ukwazisa abantu ngale projekthi icetywayo.

- I-DSR iya kufumaneka ukuze uluntu luhlomle ukusuka nge-01 Disemba 2022 ukuya kwi-03 Februwari 2023. Ixesha lezimvo zoluntu landisiwe ukuze libhekiselele kwixesha lokuvalwa komsebenzi kaDisemba (15 Disemba 2022 - 05 Januwari 2023). Ukufumaneka kwe-DSR kuya kwaziswa ngolu hlobo lulandelayo:
  - Ukuhanjiswa kweeleta eziya kuma-I&APs, zikhatshwa yifomu yobhaliso nezimvo (ngesiNgesi, isiBhulu nesiXhosa), imema ii-I&APs ukuba zihlomle nge-DSR kwaye zibhalise njenge-I&AP;
  - Ukwazisa ii-I&APs ngokufumaneka kwe-DSR ngeSMS, izaziso zesayithi, i-imeyile kunye neeleta; kwaye
  - Ukupowusta kwi-DSR, ileta yesaziso kunye namagqabaza avela kwiwebhusayithi ye-WSP (https://www.wsp.com/en-za/services/public-documents); kunye newebhusayithi engafuni datha ku: https://wsp-engage.com/Total-11B12B.

Iintlanganiso ezahlukeneyo zokuthethathethana ne-I&APs ziya kubanjwa ngexesha loHlolo loMmandla, ukunxibelelana ne-WSP kunye neqela leprojekthi ye-TEEPSA ngomxholo weNgxelo yoYilo lweNgcingane nokuphakamisa naziphi na izimvo, imiba okanye iinkxalabo malunga neprojekthi ecetywayo. Intlanganiso yoluntu ebonakalayo iya kubanjwa nge-**07 Disemba 2022 ukususela ngo-17h30 ukuya ku-19h30.**

Ii-I&APs kuza kufuneka ziqhagamshelane ne-WSP Public Participation Office ukubhalisela intlanganiso kawonke wonke eqhutywa ngevidiyo. Kuphela zii-I&APs ziza kukwazi ukufumana isimemo sokubakho kule ntlanganiso iqhutywa ngevidiyo. Iinkcukacha zeentlanganiso zikawonke wonke zobuso ngobuso eziza kuqhutywa ngoJanuwari 2023 kuza kwabelwana ngazo nee-I&APs xa kusondela ixesha.

WSP Group Africa (Pty) Ltd
**PUBLIC PARTICIPATION OFFICE**
P.O. Box 6001, Halfway House, 1685
Tel: (011) 254 4800
Fax: (086) 582 1561
WhatsApp: 076 694 3842
E-mail: teepsaEIA@WSP.com

Iinkcukacha zentlangansi zikawonke wonke (imihla, iindawo namaxesha) kuza kuthethwa ngazo nee-I&APs kusetyenzsiwa amaqonga afanayo asetyenziswa ebudeni besaziso seprojekthi, umz., i-email, i-SMS ezisisixa, njl. kwaye ziya kufumaneka kwiwebhusayithi ze-WSP nezingafuni datha.

Ii-I&APs zikhuthazwa ukuba:

- Zibhaliswe njengee-I&AP ukwenzela ukuba zibekhona kwintlanganiso kawonke wonke zize zifumane inkcazelo eqhelekileyo neendlela zokuhlaziya iprojekthi; kunye
- Ukufaka amagqabaza abhaliweyo kwi-WSP's Public Participation Office kusetyenziswa iinkcukacha zoqhagamshelwano ezinikelwe ekupheleni kolu xwebhu kunye neleta ye-I&AP nephepha lokugqabaza.

Ii-&APs zisenokuthi zizalise iifomu zamagqabaza kwenye yeendawo zikawonke wonke, qhagamshelana neqela le-WSP Public Participation ngefowuni okanye i-WhatsApp okanye i-email ukuze ufake amagqabaza uze uxubushe naziphina izinto ezikukhathazayo.

## 7 IFUTHE ELISENOKUBAKHO

INqanba loHlolo loMmandla lisetyenziselwa ukuchonga imiba enokuthi ibe nefuthe ngendlela emandla ukwenzela ukuba ziqwalaselwe ngakumbi kwiNqanaba lokuHlola iFuthe. Ngokusekelwe kwezi projekthi, ifuthe kwiimeko eziqhelekileyo zinokuquka:

- Ifuthe kumgangatho womoya ngenxa yokukhutshwa komoya ophuma kwiinjini zeenqanawa kunye nokuvavanywa komthombo;
- Ukuchaphazeleka komgangatho wamanzi olwandle kwiindawo zokomba ngenxa yodaka kunye nokusikwa kunye nesamente eziya kugalelwa elwandle ngexesha lokugrunjwa kwamaqula;
- Ifuthe kumgangatho wentlenga (iikhonto ezisezantsi, ubungakanani beenkozo kunye nemilinganiselo yeekhemikhali) ukusuka ekukhutshelweni kodaka lokomba nokusikwa nesamente kunye nokuthathwa kweesampuli ezisezantsi elwandle;
- Ifuthe kubomi bezityalo nezilwanyana kumazantsi olwandle kwindawo apho kombiwa khona amaqula, okanye iziseko zeprojekthi zifakelwe;
- Ukutshiswa kwentaka nganye ekuvuthuzweni kwesiqu somthombo kwindawo yokusebenzela;
- Ifuthe lengxolo kubomi baselwandle ngenxa yesandi esivela kwimisebenzi enxulumene nolwakhiwo, kunye nokuphazamiseka okunxulumene nomzimba nokuziphatha;
- Ukubakho kongquzulwano phakathi kweenqanawa zeprojekthi kunye nezilwanyana zaselwandle ezanyisayo kunye nofudo lwaselwandle okanye ngenxa yokugrunjwa kwamaqula, iVSP kunye/okanye imisebenzi yovavanyo lwe-sonar, ekhokelela kukwenzakala okanye ukufa;
- Ukuchaphazeleka kubomi beentaka / ukuhlala kwendlwane ngenxa yokuphazamiseka okubangelwa ziinqanawa zaselwandle kunye nokuhamba ngehelikopta;
- Ukukhuselwa kuxinzelelo lwentlanzi kwezinye iintlanzi kunye neentlobo zezilwanyana ezingenamqolo ezitsaleleke kwiziseko ezingundoqo zeprojekthi apho kuya kusetyenziswa indawo yokubekela ecaleni;
- Ukuphazamiseka kwengingqi kwizithuthi zaselwandle okuthintela imisebenzi yeprojekthi elwandle kunye nemimandla yokhuseleko engabandakanyiyo;
- Ukulahleka kwezixhobo zokuloba ngenxa yeentshukumo zeenqanawa zeeprojekthi kwiindawo zokuloba;
- Ilahleko yeendawo zokuloba kwabakhasayo/abaqeqeshelwe ukuloba ngenxa yeziseko ezingundoqo zeprojekthi kunye nemimandla yokhuseleko engabandakanywayo;
- Umngcipheko wokungqubana phakathi kweenqanawa zeprojekthi kunye nezikhephe zabalobi abakhasayo ngenxa yeentshukumo zeenqanawa zeprojekthi;
- Izidubedube kuluntu oluhlala elunxwemeni ngenxa yembono yeempembelelo ezingalunganga zeprojekthi kushishino lokuloba kudityaniswe neenzuzo ezineida zasekuhlaleni; kunye
- Nempembelelo ezinokuthi zibe kho kwilifa lenkcubeko yoluntu kunye nonxulumano lwasemoyeni kulwandlekazi kunye nonxweme, olunexabiso elingcwele kuluntu.

Olu luhlu lubonelela ngemizekelo embalwa yeempembelelo ezinokuthi zenzeke ngexesha lemisebenzi ecwangcisiweyo yeprojekthi. Iimpembelelo ezinokuthi zibe kho nazo zinokuvela kwiziganeko zengozi okanye ezingacwangciswanga. Ngexesha le-ESIA, iimpembelelo ezinokuba kho zeprojekthi ziya kuchazwa kwaye zivavanywe, kwaye unciphiso luya kundululwa apho kuyimfuneko ukuze kuncitshiswe ubuzaza obunokubakho bempembelelo. Iimpembelelo ezongezelekayo ezinxulunyaniswa neprojekthi iyonke nazo ziya kuvavanywa, ukufumanisa ifuthe elidityanisiweyo lokusingqongileyo lemisebenzi enxulumeneyo eyenzekayo kummandla weprojekthi.

## 8 AMANYATHELO ALANDELAYO KWINKQUBO YESIGUNYAZISO SENDALO ESINGQONGILEYO

Amagqabaza afunyenweyo ebudeni bexesha lokugqabaza aza kwenza kwaziwe i-Final Scoping Report (FSR), nto leyo eza kuthi ithiwe theca kwigunya elifanelekileyo ukuze qwalaselwe. Ii-I&AP's nazo ziza kunikwa ithuba lokuphefumla nge-ESIA ne-ESMP yakuba iqoshelisiwe ebudeni beNqanaba loHlolo lweFuthe.

Le misebenzi ilandelayo iza kwenzeka njengenxalenye yenkqubo ecetyiweyo ye-EA ukuya phambili:

- Ukuphuhlisa i-FSR kwakuba kufunyenwe izimvo kunye nengxelo evela kwii-I&AP's nabasemagunyeni;
- Ukungenisa i-FSR kugunyaziwe onobuchule ukuze iqwalaselwe;
- Ukwenza uphando lweengcali kwimisebenzi neziseko zophuhliso ezinxulumene neprojekthi ecetywayo;
- Lungisa uvavanyo lwempembelelo;
- Ukulungisa i-ESMP eya kubandakanya imilinganiselo yolawulo ukuphepha kunye/okanye ukunciphisa nokulawula iimpembelelo ezichongiweyo kuvavanyo lwempembelelo;
- Ukubonelela ngengxelo yee-I&AP's ezibhalisiweyo kwiSigaba soHlolo lweMpembelelo;
- Ngenisa idrafti ye-ESIA/ESMP yee-I&AP's kunye nezimvo zegunya: I-ESIA/ESMP yokugqibela iya kungeniswa kwabasemagunyeni abafanelekileyo kulandela ukufakwa kwezimvo ze-I&AP's ukuqinisekisa ukuba izimvo zabo zisonjululwe kwingxelo yokugqibela; kwaye
- Ukunxibelelana neRekhodi yeZiGqibo kugunyaziwe ofanelekileyo ngokwe-ESIA ukuya kumaQela Anomdla nachaphazelekayo

## UMHLA WAMAGQABAZA: 03 Februwari 2023

Ukugqabaza kwiNgxelo eYilwayo yoHlolo loMmandla, nceda uzalise le fomu yamagqabaza ihambisana nale fomu, okanye utyelele iwebhusayithi ye-WSP: (https://www.wsp.com/en-za/services/public-documents ), iwebhusayithi engafuni datha (https://wsp-engage.com/Total-11B12B) okanye uqhagamshelane

WSP Group Africa (Pty) Ltd
**PUBLIC PARTICIPATION OFFICE**
P.O. Box 6001, Halfway House, 1685
Tel: (011) 254 4800
Fax: (086) 582 1561
WhatsApp: 076 694 3842
E-mail: teepsaEIA@WSP.com

**Okanye skena i-QR:**

**Umhla amele abe sewephelele ngawo amagqabaza eNgxelo yoHlolo loMmandla yi: 03 Februwari 2023**

